



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD



URhulumente
weNtshona Koloni

UBAMBISWANO NGAMANDLA.

ICOVID-19

UKHUSELEKO LWABASEBENZI
IMIBUZO EBUZWA RHOQO

NCEDISA
UKUNQANDA
UKUNWENWA



Senza inqubela yenzeke. Sisonke.

IZIQULATHO

1. IMIBUZO EBUZWA RHOQO

(malunga nokuthintela nokulawula ulosuleleko lwe-coronavirus kwindawo yokusebenzela yeshishini)

- 1.1. Zeziphi ezona zinto zibalulekileyo endinokuzenza, ukuqinisekisa ukuba andosulelwa yintsholongwane okanye andibosuleli oogxa bam emsebenzini okanye abantu endihlala nabo ekhaya? 5
- 1.2. Ngaba bafanele babe semsebenzini abasebenzi abasesichengeni? 6
- 1.3. Ngaba kufuneka ndinxibe imaski ngalo lonke ixesha ndisemsebenzini? 6
- 1.4. Ingaba iikhastoma okanye umhambisi mpahla kufuneka banxibe iimaski zobuso nabo? 7
- 1.5. Ukuba andinayo imaski, ingaba umqeshi uza kundinika? 7
- 1.6. Ingaba umqeshi kumele andinike isanithayiza yezandla? 8
- 1.7. Ngawaphi amanyathelo okucoca ekumele umqeshi wam awalandele ukuthintela ukunwenwa kweCOVID-19 emsebenzini? 9
- 1.8. Ingaba athini amanyathelo okuthi qelele kwabanye afunekayo ukunqanda ukunwenwa kweCOVID-19 emsebenzini? 10
- 1.9. Kuye kwenzeka ntoni ukuba umqeshi wam uthe akakwazi ukufezekisa imimiselo yokuqelelana ngokufanelekileyo? 11
- 1.10. Yintoni umahluko phakathi kokuzisusa ebantwini nokugcinwa bucala? 12
- 1.11. Yintoni umahluko phakathi kokuhluzwa nokuvavanywa? 13
- 1.12. Ngawaphi amanyathelo okuhluzwa ekumele umqeshi awamisele kwindawo yokusebenza? 14
- 1.13. Kuza kuthini ukuba umsebenzi uye wanemiqondiso yecoronavirus? 15
- 1.14. Ingaba kumele umqeshi ahlawulele iindleko zovavanyo? 16
- 1.15. Ingaba kumele ishishini livale ukuba kuthe kwafunyaniswa umsebenzi enecoronavirus? 16

- 1.16. Ingaba kufuneka imvume evela kurhulumente yokuba ishishini liphinde livule? 17
- 1.17. Ingaba yonke indawo yokusebenzela kumele icociswe okanye ifakwe isitshabalalisi ntsholongwane yinkampani yokucoca egunyazisiweyo? 18
- 1.18. Ukuba umsebenzi uthe wavavanywa wafunyaniswa eneCOVID-19, ingaba kumele bahlolwe bonke abanye abasebenzi abakhoyo kwelo shishini? 20
- 1.19. Ukuba umsebenzi uthe wavavanywa wafunyaniswa enale ntsholongwane, ingaba kufuneka abuyeke emsebenzini kuphela xa ethe wavavanywa wafunyaniswa engenayo intsholongwane? 21
- 1.20. Ingaba umsebenzi uselungelweni lokufumana ikhefu lengulo ukuba uyagula okanye ukuba unemiqondiso eyayanyaniswa neCOVID-19? 21
- 1.21. Kuya kwenzeka ntoni ukuba seziphelile iintsuku zam zekhefu lengulo? 22
- 1.22. Ingaba umqeshi wam kumele achazele nabani na ukuba kukho umsebenzi ofunyaniswe eneCOVID-19? 22
- 1.23. Ingaba abasebenzi bavumelekile ukuba bacalulwe ngenxa yokufunyaniswa beneCOVID-19? 23
- 1.24. Kuya kwenzeka ntoni ukuba umsebenzi uthe wosuleleka yiCOVID-19 esemsebenzini? 23
- 1.25. Ingaba ikhona na imeko yomsebenzi apho ungemkhulwanga ungcipheko khona? 24
- 1.26. Ukuba ndiye ndafunyaniswa ndinayo icorona, ze emva kweentsuku ezili-14, kubekho umntu kusapho lwam ofunyaniswa enecorona, ingaba ndisavumelekile ukubuyela emsebenzini? 24
- 1.27. Ingaba yintoni uxanduva lwabasebenzi? 25

2. ULUHLU LWEZINTO EMAZIJONGWE KWINDOWO YOKUSEBENZELA 26

3. IILINKI ZOLWAZI 30

1. IMIBUZO EBUZWA RHOQO

(malunga nokuthintela nokulawula ulosuleleko lwe-coronavirus kwindawo yokusebenzela yeshishini)

Omakujongwe

- Amanyathelo eZempilo noKhuseleko lweZemisebenzi eCOVID-19 eMisebenzini, ngo-2020 (Akhutshwe liSebe leZengqesho naBasebenzi ngomhla wesi-4 kuJuni 2020): i-"C-19 OHS 4 June"
- Izikhokelo zokubekw' esweni kwemiqondiso nolawulo lwabasebenzi beenkonzo ezisisidingo ukwenzela ulosuleleko olunxulumene ne-COVID-19 (Zikhutshwe liSebe leZempilo likaZwelonke ngomhla we-12 ku-Apreli 2020): I-"National DoH Guidelines: Symptom Monitoring & Management"
- U-Circular H70 ka-2020: Ukuthintela noKulawula uloSuleleko lweCoronavirus eMisebenzini (Ikhutshwe liSebe leZempilo leNtshona Koloni ngomhla wesi-6 kuMeyi 2020): I-"WC DoH Guideline"
- Ulawulo lweCOVID-19 olwenziwe lula, emisebenzini (Lukhutshwe liSebe leZempilo leNtshona Koloni ngomhla we-11 kuJuni 2020): I-"Simplified WC DoH Guideline"
- IZikhokelo zokuGcinwa Bucala nokuZisusa eBantwini eziNxulumene nokuChanabeka noLosuleleko lweCOVID-19 (Zikhutshwe liSebe leZempilo likaZwelonke ngomhla wesi-5 kuMeyi 2020): I-"National DoH Guidelines: Quarantine & Isolation"

1.1. Zeziphi ezona zinto zibalulekileyo endinokuzenza, ukuqinisekisa ukuba andosulelwa yintsholongwane okanye andibosuleli oogxa bam emisebenzini okanye abantu endihlala nabo ekhaya?



Sebenzela ekhaya ukuba unakho okanye xa ungaziva mmandi



Landela iinkqubo zococeko ezizizo



Yithi qelele kwabanye kwaye ugcine umgama ongangemitha e- 1.5 phakathi kwakho nabanye ngawo onke amaxesha



Nxiba iimaski zobuso okanye into yokugquma ubuso xa uphakathi kwabantu



Hlamba izandla zakho okanye ufake isanithayiza rhoqo

Yenza zonke ezi zinto zikhankanywe ngasentla kwindawo osebenzela kuyo nakwiindawo zokuthatha ikhefu zikawonkewonke, ezifana nendawo yokutyela neyokutshaya.

Omakujongwe: Yi-WC DoH Guideline

1. IMIBUZO EBUZWA RHOQO

(malunga nokuthintela nokulawula ulosuleleko lwe-coronavirus kwindawo yokusebenzela yeshishini)

1.2. Ingaba abasebenzi abasesichengeni bafanele babe semsebenzini?

“Umsebenzi osesichengeni” uthetha nawuphi na umsebenzi (a) onemiba yezempilo eyaziwayo okanye echaziweyo okanye onayo nayiphi na enye imeko esenokubeka lo msebenzi emngciphekweni omkhulu wokufumana ubunzima okanye wokubhubha kunabanye abasebenzi, ukuba wosulelwe yiCOVI D-19 (umz. isifo sentliziyo, isifo seswekile, isifo sokuphefumla esingapheliyo kunye nomhlaza); okanye (b) ongaphezulu kweminyaka engama-60 ubudala osemngciphekweni omkhulu wokufumana iinzima okanye wokusweleka ukuba unokosuleleka.

Amashishini kumele athathe amanyathelo akhethekileyo ukunciphisa umngcipheko weCOVID-19 kubasebenzi abasesichengeni. Amashishini kufanele achonge bonke abasebenzi abasesichengeni kwaye ayakhuthazwa, apho kunokwenzeka khona, ukuba avumele abasebenzi abasesichengeni basebenzele ekhaya (kwaye nanjengendawo yokuqala yokunciphisa inani labasebenzi abakhoyo kwindawo yokusebenzela ngexesha elinye), atshintshe uhlobo lomsebenzi wabo, ayisuse kwabanye indawo abasebenzela kuyo okanye abanike ilivu ekhethekileyo ehlawulelwayo ukuba azifumaneki ezinye izinto ezinokukhethwa.

Omakujongwe: [lingcaciso kunye namacandelo 18.4, 20.3 neSihlomelo A se-C-19 OHS 4 June](#)

1.3. Ngaba kufuneka ndinxibe imaski ngalo lonke ixesha ndisemsebenzini?

Ewe, imaski yobuso okanye into yokugquma ubuso kufuneka inxitywe ngalo lonke ixesha usemsebenzini ngaphandle kokuba uyatya okanye uyasela. Iimaski kufuneka zikhululwe ngocoselelo zibanjwe ngemitya/ngemitya ye-elastikhi zize zigcinwe kwizinto zokuphatha xa zingasetyenziswa.

Omakujongwe: [Icandelo 37 nelama-41 e-C-19 OHS 4 June](#)

1.4. Ingaba abaxumi okanye ababoneleli beemveliso kufuneka banxibe iimaski zobuso nabo?

Ewe, wonke umntu okwindawo yokusebenzela, kuqkwa nabathengi kunye nabaxumi, kumele anxibe imaski yobuso okanye nayiphi na enye into efanelekileyo yokugquma impumlo nomlomo xa ephakathi kwabantu.

Omakujongwe: [Icandelo lama-37 nelama-41 e-C-19 OHS 4 June](#)

1.5. Ukuba andinayo imaski, ingaba umqeshi uza kundinika?

Ewe, ngokomthetho wonke umqeshi kumele anike wonke umsebenzi imaski ngaphandle kokumhlawulisa, iimaski zelaphu ezimbini ubuncinane, zibe zenziwe ngendlela emiselweyo ngokwezikhokelo ezikhutshwe liSebe lezoRhwebo, iMveliso noKhuphiswano, ukuze umsebenzi ayinxibe ngeli xesha esemsebenzini naxa esendleleni eya nevela emsebenzini. Ngaphezu koko, umqeshi wakho kumele aqinisekise ukuba abasebenzi bayachazelwa, bayalelwe baze baqeqeshwe ngendlela yokusebenzisa iimaski ngokuchanekileyo.

Omakujongwe: [Icandelo 38.1 no-39 le-C-19 OHS 4 June](#)



1. IMIBUZO EBUZWA RHOQO

(malunga nokuthintela nokulawula ulosuleleko lwe-coronavirus kwindawo yokusebenzela yeshishini)

1.6. Ingaba umqeshi wam kumele asibonelele ngesanithayiza yezandla?

Ewe, umqeshi kumele aqinisekise ukuba kukho iisanithayiza zezandla ezaneleyo kwiindawo ezidingeka kakhulu kuzo emsebenzini, ngaphandle kokunihlawulisa – ezifana namasango asemsebenzini, iindawo zokutyela nezindlu zangasese, ngokusekelwe kwinani labasebenzi okanye abantu abangenayo kulo ndawo yokusebenzela. Abaqeshi kumele baqinisekise ukuba iisanithayiza zihlala zifumaneka ukuze zifikeleleke kwaye zisebenziseke lula.

Oku akuthethi ukuba umqeshi kumele abonelele umsebenzi ngamnye ngesanithayiza yezandla esimahla. Ngabasebenzi abasebenzela kude nasemsebenzini kuphela, ingengabo abasebenzela ekhaya, ekumele ngamnye anikwe isibonelelo esaneleyo sesanithayiza yezandla, okanye abo basebenza noluntu.

Abasebenzi kufuneka bazihlambe kwaye bazifake isanithayiza kaninzi izandla zabo, ingakumbi emva kokudibana nabanye abantu nasemva kokuphatha imiphezulu yeendawo/ izinto ebezibanjwe ngabanye abantu.

Omakujongwe: Icandelo 32 no-34 le-C-19 OHS 4 June



1.7. Ngawaphi amanyathelo okucoca ekumele umqeshi wam awathathe ukuthintela ukunwenwa kweCOVID-19 emsebenzini?

Wonke umqeshi kumele aqinisekise ukuba imiphezulu yokusebenzela nezixhobo zifakwa izibulali-ntsholongwane ngaphambi kokuba kuqaliswe ngomsebenzi, oku kwenziwe rhoqo ngeli xesha lomsebenzi nasemva kokuba kugqityiwe ukusetyenzwa. Zonke iindawo ezisetyenziswa kakhulu njengezindlu zangasese, iindawo ezisetyenziswa nguwonkewonke, iindawo zokubamba iingcango nezixhobo ze-elektroniki ekubolekisanayo ngazo kumele nazo zicocwe kwaye zifakwe nesibulali ntsholongwane rhoqo.

Ilistim zokungena ezicofwayo kufanele ziyekiswe ukusebenza okanye zisetyenziswe ngemo engacofwayo. Kungenzeka kufuneka abasebenzi bancedise ukucoca okanye ukufaka isibulali-ntsholongwane kwiindawo zabo zokusebenzela, kuba abasebenzi abangabacoci abazukwazi ukuwenza wonke lo msebenzi wongezelelekileyo wokucoca okanye wokufaka isibulali-ntsholongwane ekufuneka wenziwe rhoqo.

Omakujongwe: Icandelo 35 le-C-19 OHS 4 June



1. IMIBUZO EBUZWA RHOQO

(malunga nokuthintela nokulawula ulosuleleko lwe-coronavirus kwindawo yokusebenzela yeshishini)

1.8. Ingaba athini amanyathelo okuthi qelele kwabanye afunekayo ukunqanda ukunwenwa kweCOVID-19 emsebenzini?

Umqeshi kumele ayimise indawo yokusebenzela ngendlela eqinisekisa ukuba abasebenzi abasondelelani, kangangoko kunokwenzeka, kwaye aqinisekise ukuba kukho umgama wemitha e-1.5 phakathi kwabantu emsebenzini.

Ngeli xesha inani labantu abasembenzini (kuqukwa nabasebenzi kunye nabathengi) lingacaciswanga kwimimiselo yesizwe, iSebe lezeMpilo leNtshona Koloni lona licebisa ukuba inani labasebenzi elibakho kwiindawo zokusebenzela kumele lisikelwe kumntu omnye ngendawo engange-6 m² (oko kukuthi ubukhulu bomgangatho ngeemitha bohlulwe ngo-6).

Icebiso elinokusetyenziswa ukuze kufezekiswe ukuqelelana kwabantu kukunciphisa inani labasebenzi abakhoyo emsebenzini ngalo naliphi na ixesha, umzekelo, ukuvumela bonke abasebenzi abanokukwazi ukusebenzela ekhaya benze oko, kuqaliswe ukusebenza ngeeshifti, kumane kutsitywa usuku xa kusetyenzwa, kuqalwe ngeeyure ezingafaniyo, amaxesha elantshi naweti angafani kwaye/okanye kuncitshiswe indawo umsebenzi asebenzela kuyo. Abasebenzi kumele bangaxhawulani ngezandla, bangongani, bangabulisani ngamanqindi, okanye ngeengqiniba yaye kumele bathi qelele kangangoko kwabanye abasebenzi nabathengi.

Omakujongwe: Icandelo 35 no-21 ukuya ku-23 le-C-19 OHS 4 June

1.9. Kuya kwenzeka ntoni ukuba umqeshi wam ethe akakwazi ukwenza abasebenzi baqelelane?

Umqeshi wakho kumele enze amalungiselelo okuba kubekho izinto ezimisiweyo ezahlula iindawo zokusebenzela ukuze kubekho izinto ezahlula abasebenzi ukuba abakwazi ukubohlulahlula abasebenzi ngomgama oyimitha e-1.5.

Qaphela ukuba umyalelo ovela kwiSebe lezaBasebenzi awubhekisi kwiindawo zokusebenzela ezithile, ezifana nakwiinkonzo zezonyango nezonakekelo lwempilo.

Ngokweengcebiso ezivela kuRhulumente wezeMpilo weNtshona Koloni, apho kunokwenzeka, abasebenzi akumelanga basebenzise indawo enye yokusebenzela okanye basebenzise isixhobo esinye sokusebenza. Ukuba iindawo zokusebenzela nezixhobo kufuneka kubolekisenwe ngazo, kufuneka zicocwe xa kutshintsha ishifiti okanye umsebenzisi.

Abaqeshi kumele babathintele kangangoko banakho abasebenzi bangasondelelani nabanye, ngokubagcina besebenza bengamaqelana amancinci bangamane betshintshatshintsha abasebenzi ngokwamaqela.

Omakujongwe: Icandelo 22 le-C-19 OHS 4 June, WC DoH Guideline



1. IMIBUZO EBUZWA RHOQO


(malunga nokuthintela nokulawula ulosuleleko lwe-coronavirus kwindawo yokusebenzela yeshishini)

1.10. Yintoni umahluko phakathi kokuzisusa ebantwini nokugcinwa bucala?

Ukuzisusa ebantwini kulungele abo sele begula kwaye/okanye bafunyaniswe kuvavanyo beneCOVID-19, kodwa kungekho mfuneko yokuba baye kulaliswa esibhedlele ukuze bafumane unyango.

Ukugcinwa ecaleni kulungele abantu okanye amaqela abechanabeke kwiCOVID-19 ngenxa yokusondelelana nabantu abaneCOVID-19 okanye ekusenokuba bosulelekile, kwaye ke ngoko nabo basenokuba bosulelekile yiCOVID-19. Ukugcinwa bucala kugcina aba bantu bangasondelelani nabanye, ukuze bangosuleli abanye bengazi ukuba bosulelekile. Abanye abantu abagcinwa bucala kusenokuba bosulelekile babe abanye bengosulelekanga. Ukugcinwa ecaleni kumele kuthathe iintsuku ezilishumi ezili-14 ukusukela ngexesha lo mntu ebesondelelene nomntu ogulayo.

Omakujongwe: [i-National DoH Guidelines: Quarantine & Isolation](#)



1.11. Yintoni umahluko phakathi kokuhluzwa nokuvavanya?

Ukuhluzwa kwenziwa kuxwebhu lwemibuzo ukuze kufunyaniswe ukuba ingaba umntu unazo na iimpawu kuze kujongwe namaqondo obushushu bakhe. Abantu abathe “bafunyaniswa benale ntsholongwane kuhluzo”, okokuthi babonakalisa imiqondiso yeCOVID-19, basenokuba bosulelekile. Ukuba bangaphezu kweminyaka engama-55 ubudala kwaye/okanye banezinye izigulo abanazo, baya kuvavanyelwa i-COVID-19 baze bachelwe ukuba bazisuse ebantwini ngeli xesha belinde iziphumo. Ukuba baneminyaka engaphantsi kwengama-55 ubudala kwaye/okanye banezinye izigulo abanazo, baya kucelwa ukuba bazisuse ebantwini kangangeentsuku ezili-10. Ukuba umntu ufunyaniswa engenayo intsholongwane kuhluzo, uya kuvunyelwa ukuba aqhubeke nomsebenzi wakhe.

Iimvavanyo kukuvavanywa elebhu ukukhangela ukuba umntu unayo na iCOVID-19. Ukuba kuthe kwafumaniseka uneCOVID-19 uya kucelwa ukuba uzisuse ebantwini ukuthintela ukosulela abanye.

Omakujongwe: [Icandelo 22 le-C-19 OHS 4 June, WC DoH Guideline](#)



1. IMIBUZO EBUZWA RHOQO

(malunga nokuthintela nokulawula ulosuleleko lwe-coronavirus kwindawo yokusebenzela yeshishini)

1.12. Ngawaphi amanyathelo okuhluzwa ekumele umqeshi awamilise emsebenzini?

Wonke umqeshi kumele athathe amanyathelo okuhluzwa nowuphi na umsebenzi ngexesha befika emsebenzini, ukukhangela ukuba ingaba loo msebenzi unayo nayiphi na imiqondiso eqwalaselekayo eyayamene neCOVID-19, efana nobushushu, ukukhohlela, umqala obuhlungu, iphika okanye ukulahlekelwa kukuva ivumba okanye incasa; kwaye kufunyaniswe ukuba akaphethwanga yile miqondiso ilandelayo: ukuqaqanjelwa ngumzimba, amehlo abomvu, isicaphucaphu, ukugabha, utyatyazo, ukuthezeke, ukuba buthathaka okanye ukudinwa.

Abasebenzi kumele bakhunjuzwe ukuba bangayi emsebenzini ukuba baqaliswa yimiqondiso yeCOVID-19, yaye kumele bachazele abaphathi babo ngale meko. Ukuba bekukhe kwakho umsebenzi onale ntsholongwane emsebenzini wakho kwixa elingaphambili, athe lo msebenzi wasondelelana naye, kumele athunyelwe kuvavanyo, ukuba uyayifezekisa imimiselo yovavanyo, okokuthi ungaphezu kweminyaka engama-55 ubudala kwaye/okanye unezinye izigulo anazo.

Ukuba kuyenzeka umsebenzi angaziva mnandi ebudeni bemini yomsebenzi, kumele ahluze kwakhona ukukhangela imiqondiso yeCOVID-19 aze athathe wokufanelekileyo.

Omakujongwe: [Icandelo 25 ukuya ku-26 le-C-19 OHS 4 June, National DoH Guidelines: Symptom Monitoring & Management, WC DoH Guideline](#)



1.13. Kuya kwenzeka ntoni ukuba ugxa wam unokuba nemiqondiso yecoronavirus?

Umqeshi kumele angamvumeli lo msebenzi ukuba, angene kwindawo yokusebenza okanye aze emsebenzini. Ukuba lo msebenzi sel'esemsebenzini, umqeshi kumele aqinisekise ukuba lo msebenzi uyasuswa ebantwini, anikwe imaski yezonyango, ahlambe izandla zakhe, aze enze amalungiselelo okuba lo msebenzi ahanjiswe ngendlela engasayi kubeka abanye abasebenzi okanye uluntu jikelele esichengeni, ukuze azisuse ebantwini (ukuba uneminyaka engaphantsi kwengama-55 ubudala kwaye akanazigulo asele enazo) okanye aye kuxilongwa okanye enziwe iimvavanyo (ukuba ungaphezu kweminyaka engama-55 ubudala kwaye/okanye unezigulo asele enazo). Ngelixa umsebenzi elinde izuphumo zovavanyo, umsebenzi kumele ahlale ezisusile ebantwini.

Umqeshi akanyanzelekanga ukuba avavanye wonke umntu emsebenzini, kodwa xa ethe umsebenzi wafunyaniswa eneCOVID-19, umqeshi kufuneka akhangele abantu abesondele kubo aze abathumele bavavanywe okanye bazigcine ecaleni ngokuxhomekeke ekubeni banayo kusini na imiqondiso nokuba ingaba bayayifezekisa kusini na imimiselo yovavanyo (ukuba ungaphezu kweminyaka engama-55 ubudala kwaye/okanye unezigulo asele enazo).

Umqeshi kufuneka kananjalo abulale iintsholongwane kule ndawo lo msebenzi besebenzela kuyo nakwindawo yakhe yomsebenzi.

Omakujongwe: [Icandelo 27 le-C-19 OHS 4 June, WC DoH Guideline](#)

1. IMIBUZO EBUZWA RHOQO

(malunga nokuthintela nokulawula ulosuleleko lwe-coronavirus kwindawo yokusebenzela yeshishini)

1.14. Ingaba kumele umqeshi ahlawulele iindleko zovavanyo?

Akanyanzelekanga umqeshi ukuba ahlawule naziphi na iindleko zovavanyo lwabucala okanye lukarhulumente othe wazifumana.

1.15. Ingaba kumele ishishini livale ukuba kuthe kwafunyaniswa umsebenzi enecoronavirus?

Akunakuvele kuvalwe zisuka. Ukuvalwa kweshishini kuxhomekeke kwini labasebenzi abafunyaniswe benale ntsholongwane, ukuchanabeka kwabanye abasebenzi kweli shishini kwaba kwanendawo yoshishino echaphazelekileyo.

Ukuba kukho umntu oneCOVID-19 emsebenzini, umqeshi kunyanzelekile ukuba azise ngokukhawuleza iSebe lezeMpilo leNtshona Koloni neSebe leNgqesho nezaBasebenzi likaZwelonke. Ngawo aya kwenza isigqibo sokuba kufanelekile na ukuba livalwe eli shishini. Nokuba bathe abasemagunyeni babona ukuba akukho sidingo sokuba livalwe ishishini, ishishini lisenokuthi ngezizathu zezomsebenzi ligqibe kwelokuba livala okwexeshana – isigqibo esinjalo kukuzikhethela kweshishini kwaye akukho mvume ifunekayo evela komnye umntu ukuze eli shishini liphinde livulwe phantsi kwezo meko zinjalo.

Omakujongwe: [WC DoH Guideline](#)

1.16. Ingaba kufuneka imvume evela kurhulumente yokuba ishishini liphinde livule?

Ukuba ishishini belithe lavalwa ngenxa yokuba kukho umsebenzi ofunyaniswe enale ntsholongwane, kumele libonise ukuba lilandele onke amanyathelo okuthotyelwa kwemimiselo nezikhokelo ngokubhekiselele ekucocweni ngesibulali ntsholongwane kwendawo yokusebenzela. Lisenokuphinda livule ngokunokwalo kwaye alidingi mvume isesikweni evela kurhulumente.

Ukuba ishishini liye lavalwa liSebe leNgqesho nezaBasebenzi, liya kudinga imvume evela kwiSebe leNgqesho nezaBasebenzi ukuze livulwe.

Omakujongwe: [WC DoH Guideline](#)



1. IMIBUZO EBUZWA RHOQO

(malunga nokuthintela nokulawula ulosuleleko lwe-coronavirus kwindawo yokusebenzela yeshishini)

1.17. Ingaba yonke indawo yokusebenzela kumele icocisiwe okanye ifakwe isitshabalalisi ntsholongwane yinkampani yokucoca egunyazisiweyo?


Hayi. Ukuba kucocwa kangakanani kuxhomekeke kwinani labantu elinokuba liye losuleleka nokuba ingaba loo mntu uhambahambe kangakanani na apho emsebenzini. Ukuba loo msebenzi uye wagqitha kwiindawo zokusebenza ngaphandle kokubamba nantoni na kwaye akakhange achithe xesha ethetha nabanye abasebenzi buqu, ngoko kuya kufaneleka amanyathelo okucoca alula. Kodwa ke, ukuba uchithe ixesha elininzi emsebenzini, ubambe waza waphatha nezinto ezininzi kunye nemiphezulu yeendawo okanye uye wasondelelana nabanye abasebenzi, kumele ke ngoko kucocwe le ndawo ngendlela ethe xhaxhe, kwaye kuya kuthatha ixesha elongezelelekileyo ukwenza udliwanondlebe nabo besondele kubo ukuze kufunyaniswa ukuba bebesondelelene kakhulu na.

Ukuba umsebenzi uye wafunyaniswa enale ntsholongwane, zonke iindawo lo msebenzi asebenza kuzo okanye abekhe wazityelela apho emsebenzini kumele zicocwe kakuhle ngesepa namanzi, zize zisulwe ngomxube ongxengiweyo weblitshi (ngxenga i-30ml yeblitshi kwilitha nganye yamanzi ukuze ube nomxube oyi-0.1%). Ukuba loo ndawo ayinakho ukucocwa ngesepa namanzi, kumele isulisiwe kakuhle ngomxube weblitshi, okanye ngomxube one-alkhoholi eyi-70%.

Indawo eza kucocwa iya kufanela loo meko kwaye kuqukwa, phakathi kwezinye izinto, ikhitshi, igumbi labasebenzi, indawo yokutyela, amagumbi angasese, iitroli, iibhaskithi, iindawo zokubamba iingcango, iindawo zokusebenzela, iikhompyutha neekhawuntara. Ukuba kufuneka kucocwe kwaye kufakwe isibulali-ntsholongwane kwiindawo ezinkulu kunye nezinto ezininzi, kusenokufuneka ivalwe indawo yokusebenzela okwexeshana ngeli thuba kusenziwa oku.

Ukucociswa kwendawo akukho sidingo sokuba kwenziwe yinkampani yokucoca egunyazisiweyo. ISebe leZempilo leNtshona Koloni alikuxhasi okanye alifuni ukucoca okubandakanya ukumfomfa ngeekhemikhali ezibulala izinambuzane, ukumfomfa ngezirhogolo okanye ngezinto ezenza nkungu, kwaye iSebe leZempilo leNtshona Koloni alidingi 'isatifiketi sokuoca'.

[Omakujongwe: WC DoH Guideline & Simplified WC DoH Guideline](#)



1. IMIBUZO EBUZWA RHOQO

(malunga nokuthintela nokulawula ulosuleleko lwe-coronavirus kwindawo yokusebenzela yeshishini)

1.18. Ukuba umsebenzi uthe wavavanywa wafunyaniswa eneCOVID-19, ingaba kumele bahlolwe bonke abanye abasebenzi abakhoyo kwelo shishini?

Ukuba umsebenzi uthe wafunyaniswa kuvavanyo enale ntsholongwane, bonke abanye abasebenzi kweli shishini kumele kwenziwe udliwanondlebe nabo ukuhlola iqondo lokuchanabeka kwabo nokuba ingaba kufuneka bagcinwe ecaleni kusini na.

Ukuba umsebenzi ebesondele (ngaphantsi kwemitha e-1 ngaphezu kwemizuzu eli-15) kulo msebenzi unale ntsholongwane, kwaye ubonakalisa imiqondiso ye-COVID-19, ukuba uneminyaka engaphezu kwama-55 ubudala kwaye/okanye unezinye izigulo anazo, kumele aye kuvavanyo; ukuba ungaphantsi kweminyaka engama-55 ubudala kwaye akaso esinye isigulo, kumele athunyelwe kowabo ukuze azisuse ebantwini.

Ukuba umsebenzi ebesondele kumsebenzi onale ntsholongwane kwaye benganxibanga mpahla yokuzikhusela yaneleyo, kodwa akanamiqondiso ye-COVID-19, kumele athunyelwe kowabo ukuze azigcine ecaleni kangangeentsuku ezili-14 ukusukela ngomhla wokugqibela wokudibana nalo msebenzi unale ntsholongwane kwaye ukuba uqalisa ukubonakalisa imiqondiso, kumele enziwe uvavanyo ukuba ungaphezu kweminyaka engama-55 ubudala kwaye unezinye izigulo anazo.

Ukuba umsebenzi ebesondele kumsebenzi onale ntsholongwane kodwa ebenxibe impahla yokuzikhusela, kwaye akanamiqondiso ye-COVID-19 okanye ukuba umsebenzi akakhange asondelelane nomsebenzi onale ntsholongwane kwaye akanayo imiqondiso ye-COVID-19, usenokuqhubeka nokusebenza kodwa kumele azibek' esweni kangangeentsuku ezili-14. Ukuba uqalisa ukubonakalisa imiqondiso, kumele aphathwe ngokufanelekileyo.

Ukuba iqela labasebenzi livavanyiwe lafunyaniswa linale ntsholongwane, yonke loo shifti ibandakanyekayo kusenokufuneka igcinwe ecaleni ize icelwe ukuba izibek' esweni ukukhangela imiqondiso ye-COVID-19.

Omakujongwe: National DoH Guidelines: Symptom Monitoring & Management, Icandelo 30 no-31 le-C-19 OHS 4 June

1.19. Ukuba umsebenzi uthe wavavanywa wafunyaniswa enale ntsholongwane, ingaba kufuneka abuyele emsebenzini kuphela xa ethe wavavanywa wafunyaniswa engenayo intsholongwane?

Ukuba umsebenzi ufunyaniswe enale ntsholongwane, akukho mfuneko yokuba afunyaniswe engenayo le ntsholongwane ngaphambi kokuba abuyele emsebenzini. Endaweni yoko umsebenzi kufanele abuyele emsebenzini ngokuxhomekeke koku kulandelayo:

- Isigulane esingabonakalisi miqondiso yeCOVID-19: Sibuyela emsebenzi emva kweentsuku ezili-10 emva kosuku lovavanyo.
- Isigulane esinemiqondiso engephi yesifo seCOVID-19: Sibuyela emsebenzini emva kweentsuku ezilishumi (10) emva kokuba benemiqondiso yesi sifo.
- Isigulane esinemiqondiso eqatha yesifo seCOVID-19: Sibuyela emsebenzini emva kweentsuku ezili-10 emva kokuba imeko yakhe izinzile ngokwezonyango. Lo mhla uya kumiselwa ngabasebenzi esibhedlele.
- Ukuba isigulane sasithunyelwe ukuba siyokwenziwa iimvavanyo kwaye sisuswe ebantwini ngeli xesha silindele iziphumo zaso, luze uvavanyo luthi akanayo le ntsholongwane: singabuyela emsebenzini ngosuku olusemva kokufumana iziphumo ezichaza ukuba asinayo le ntsholongwane.
- Abantu ebesondelelene nomntu onale ntsholongwane, abagcinwe ecaleni: babuyela emsebenzini kwiintsuku ezili-14 emva kokuchanabeka okusenokuba kwenzekile.

Omakujongwe: I-National DoH Guidelines: Symptom Monitoring & Management

1.20. Ingaba umsebenzi uselungelweni lokufumana ikhefu lengulo ukuba uyagula okanye ukuba unemiqondiso eyayanyiswa neCOVID-19?

Ewe. Ukuba uyagula okanye unemiqondiso enxulumene neCOVID-19 kumele wazise umqeshi wakho, uzigcine ecaleni kwaye ungayi emsebenzini. Uya kuba selungelweni lokuthatha ikhefu lengulo elihlawulelwayo ngokwemimiselo yecandelo 22 lomthetho iBasic Conditions of Employment Act.

Omakujongwe: Icandelo 27.3 le-C-19 OHS 4 June

1. IMIBUZO EBUZWA RHOQO

(malunga nokuthintela nokulawula ulosuleleko lwe-coronavirus kwindawo yokusebenzela yeshishini)

1.21. Kuya kwenzeka ntoni ukuba seziphelile iintsuku zam zekhefu lengulo?

Ukuba seziphelile iintsuku zakho zekhefu lengulo, umqeshi wakho kumele akwenzele isicelo sokuba ufumane iintsuku zokugula ngokwegatya lesi-4 loMyalelo owakhutshwa ngomhla wama-25 kuMatshi 2020 malunga neCOVID-19 Temporary Employer Relief Scheme phantsi kommiselo 10(8) weMimiselo eyabhengezwa ngokwecandelo 27(2) lomthetho iDisaster Management Act.

Omakujongwe: [Icandelo 27.3 le-C-19 OHS 4 June](#)

1.22. Ingaba umqeshi wam kumele achezele nabani na ukuba kukho umsebenzi ofunyaniswe eneCOVID-19?

Ewe. Umqeshi wakho uyacelwa ukuba achazele umnxeba wePhondo woncedo nge-COVID-19 weSebe leZempilo leNtshona Koloni: ku-WorkplaceCOVIDReporting@westerncape.gov.za okanye ku-<https://coronavirus.westerncape.gov.za/reporting-COVID-19-workplace>

Kumele kananjalo achazele iSebe leZempilo likaZwelonke (umnxeba woncedo weCOVID-19 ungaqhagamshelwa ku-0800 02 9999) kunye neSebe leNgqesho neZabasebenzi ku-david.esau@labour.gov.za

Omakujongwe: [Icandelo 20.11.1 le-C-19 OHS 4 June](#)

1.23. Ingaba abasebenzi bavumelekile ukuba bacalulwe ngenxa yokufunyaniswa beneCOVID-19?

Hayi. Abaqeshi kumele baqinisekise ukuba abasebenzi abacalulwa xa bethe bavavanywa funyaniswa beneCOVID-19 ngokwemimiselo yecandelo 6 le-Employment Equity Act, 1998.

Omakujongwe: [Icandelo 27.4 le-C-19 OHS 4 June](#)

1.24. Kuya kwenzeka ntoni ukuba uthe umsebenzi wosuleleka yiCOVID-19 esemsebenzini?

Ukuba bukhona ubungqina bokuba umsebenzi uye wosuleleka yiCOVID-19 ngenxa yokuba bechanabekile emsebenzini, umqeshi kumele afake ibango lembuyekezo ngokwemimiselo yomthetho iCompensation for Occupational Injuries and Diseases Act, 1993 (Act No. 130 of 1993) ngokuhambelana ne-Notice 193 eyapapashwa ngomhla wesi-3 kuMatshi 2020 (13 GG 43126 GN193 of 23 March 2020.)

Ukongeza kwizibophelelo zabasebenzi phantsi kwe-OHSA, wonke umsebenzi unoxanduva lokuthobela amanyathelo amiselwe ngumqeshi wakho njengoko kuyimfuneko ngokoMyalelo: iCOVID-19 Occupational Health and Safety Measures in Workplaces, 2020 (Owakhutshwa liSebe leNgqesho nezaBasebenzi ngomhla wesi-4 ku-Apreli 2020).

Omakujongwe: [Icandelo 27.5 no-47 le-C-19 OHS 4 June](#)

1. IMIBUZO EBUZWA RHOQO

(malunga nokuthintela nokulawula ulosuleleko lwe-coronavirus kwindawo yokusebenzela yeshishini)

1.25. Ingaba ikhona na imeko yomsebenzi apho ungemkhulwanga umgcipheko khona?

Zonke iindawo zokusebenzela zinezinto ezizibeka emngciphekweni, kuqukwa neendawo zomsebenzi ezifana nezibhedlele apho kukho amanyathelo angqongqo ezempilo nokhuseleko. Abasebenzi banganendima ebalulekileyo ekulawuleni imingcipheko emisebenzini ngokwenza oku:

- Ukuqelelana nabanye nokugcina umgama oyimitha e-1.5 phakathi kwabo nabanye ngawo onke amaxesha
- Ukuhlamba izandla okanye ukuzifaka isanithayiza rhoqo
- Ukulandela iinkqubo zococeko ezizizo
- Ukunxiba imaski yobuso okanye into yokugquma ubuso xa bephakathi kwabantu
- Ukwenza zonke ezi zinto zikhankanywe ngasentla kwindawo abasebenza kuyo nakwiindawo ababa kunye nabanye abantu ngexesha lekhefu, ezifana neendawo zokutyela nezokutshayela.

1.26. Ukuba ndiye ndafunyaniswa ndinayo icorona, ze emva kweentsuku ezili-14, kubekho umntu kusapho lwam ofunyaniswa enecorona, ingaba ndisavumelekile ukubuyela emsebenzini?

Ungabuyela emsebenzini kwaye awusayi kubeka abanye emngciphekweni wesifo esosulelayo emva kweentsuku ezili-14. Ukuthatha inyathelo lokuzikhusela, uyacetyiswa ukuba uthobele la manyathelo olawulo lolosuleleko ekhaya nasemsebenzini, okokuthi lo mntu wosulelekileyo ekhaya kumele kakade azisuse ebantwini. Emsebenzini, kumele uhlambe izandla, uthi qelele kwabanye kwaye unxibe imaski njengoko kuchaziwe kwimimiselo yezabasebenzi.

1.27. Ingaba yintoni uxanduva lwabasebenzi?

Abasebenzi banendima ebalulekileyo ekufuneka beyidlalile ukulawula ukunwenwa kweCOVID-19, kwaye kufanele:

- Bamazise umqeshi ngoko nangoko xa bevavanyiwe bafunyaniswa beneCOVID-10 okanye xa bebhakhe basondelelana nomntu onayo.
- Bazame kangangoko ukuba bahlale behamba ngesithuthi esinye, besebenza kwindawo enye okanye kumgca wemveliso omnye kwaye bethatha ikhefu noogxa babo abaliqela elinye begcina amanyathelo okuqelelana kwaye benxiba iimaski ukuba banakho. Oku kunceda ukunciphisa ukunwenwa kolu losuleleko kwaye kwenza kube lula kumqeshi nakumagosa ezempilo ukufumanisa ukuba ngabaphi abasebenzi abathe basondelelana apho kukho umntu oneCOVID-19.
- Bachazele umqeshi wakho ukuba uyagula kwaye ungazi emsebenzini kuba uyagula.
- Uthwale uxanduva ngempilo yakho:
- Ngokuthi qelele kwabanye nangokugcina umgama oyimitha e-1.5 phakathi kwakho nabanye ngawo onke amaxesha
- Ngokuhlamba izandla zakho okanye uzifake isanithayiza rhoqo
- Ngokulandela iinkqubo zococeko ezizizo
- Ngokunxiba imaski yobuso okanye into yokugquma ubuso xa uphakathi kwabantu
- Ngokwenza konke oku kungasentla kwindawo osebenza kuyo nakwiindawo zikawonkewonke zekhefu, ezifana neendawo zokutyela nezokutshayela.

2. ULUHLU LOMAKUHLOLWE KUKHUSELEKO LWEENDAWO ZOMSEBENZI KWICOID-19

Ukuzilungiselela kwendawo yomsebenzi	E	H
Isicwangciso sendawo yomsebenzi kuquka nokuphuhliswa kohlolo lomngcipheko		
Iindawo ekuhlenganwa kuzo zichongiwe, umz. Amasango, iindawo zokutyela, iindawo zokusebenzela, iipaseji, amagumbi angasese, iindawo zolwamkelo lwempahla		
Iindawo ezibanjwa kakhulu/izixhobo/izikhululo zichongiwe, umz. Iindawo zokubamba iingcango, iiswitshi zezibane, amaqhosha eelifti, iigeyiti ezijikelezayo		
Abasebenzi abasemngciphekweni bachongiwe (abangaphezu kweminyaka engama-60 kwaye/okanye baphethwe zezinye izigulo, umz. Isifo sentliziyo, isifo seswekile, isifo samajelo omphefumlo esinganyangekiyo kunye nomhlaza)		
Ivumela abasebenzi abasemngciphekweni basebenzele ekhaya apho benakho, itshintsha uhlobo lomsebenzi wabo, isusa ebantwini indawo abasebenzela kuyo okanye ibanika ikhefu elikhethekileyo elihlawulelwayo ukuba akukho nto yimbi inokukhethwa ifumanekayo		
Abasebenzi abanokusebenzela ekhaya balungiselelwe ukuba benze njalo		
Abasebenzi bohluliwe bangamaqela amancinci/amaqela asasaziweyo/iishifti kwaye ithobe/iphephe unxibelelwano phakathi kwamaqela - ukuze basebenza ukuba banakho, ukwenzela ukuthatha ikhefu kwaye apho benakho ukucacisa iindawo apho iqela ngalinye linokusebenzela khona		
Abasebenzi baqeqeshiwe - ukuthintela ulosuleleko, ukunxiba impahla yokuzikhusela, ukulawula abantu abanale ntsholongwane okanye abagulayo, ukuqubisana nezinto ezenza umbilini		
Kwenziwe uthungelwano oluya kubathengi		

Ukukhuselwa kwabathengi	E	H
Isanithayiza yezandla iyafumaneka kumasango okungena/okuphuma evenkile kunye nomntu wokuyiqaba		
Ubukhulu benani labathengi elivumelekileyo bumiselwe ngokusebenzisa umgaqo we-6m ² ngomntu ngamnye		
Ulawulo lwesango lokungena okanye ulawulo lomgca wabantu lukhona ukuqinisekisa ukuqelelana kwabantu kangangemitha e-1.5 ubuncinane		
Bonke abasebenzi okanye abathengi banxiba iimaski		
Amalathana anesibulali-ntsholongwane okanye isanithayiza iyafumaneka ukwenzela iitroli nebhaskithi		
Ukuqelelana kwabantu evenkileni nakwiindawo zokubhatala kangangemitha e-1.5		
Imigaqo yokucoca nokubulala iintsholongwane ikhona ukwenzela iindawo ezibanjwa rhoqo, okokuthi iindawo zokuvula iifriji, iifriza kunye neefayili ezigciniweyo		
Ukucoca ngesanithayiza ekhawuntareni ngaphambi nasemva komthengi ngamnye		
Ukucoca ngesanithayiza kumatshini wekhredithi khadi ngaphambi nasemva komthengi ngamnye		
Umntu ohlawulisayo ufaka isanithayiza ezandleni ngaphambi nasemva komthengi ngamnye		
Iipeni ezisetyenziselwa ukutyikitya zifakwa isanithayiza ngaphambi nasemva komthengi ngamnye		
Izinto ezibambekayo zokohlula okanye izinto zokukhusela ubuso zibonelelwe phakathi kwabasebenzi kunye noluntu apho kungakwazeki ukuqelelana		
Iindawo zangasese ezingaphakathi ezivenkileni ezenzelwe abathengi zibonelelwe ngeendawo zokuhlamba izandla ezaneleyo nezifanelekileyo		
Zonke iindawo ezifana namagumbi angasese, iindawo zikawonkewonke, iindawo zokubamba iingcango, kunye nezixhobo ze-elektroniki ekubolekiswa ngazo zicocwa kwaye zisuswe iintsholongwane rhoqo		
Ezococeko zobuqu zabaqhubi beenqwelo ziyanelisekisa		
Izinto zokuthwala iimveliso zokutya ezikwinqwelo yokuzihambisa zicocwa ngesanithayiza ngaphambi nasemva kwesihlandlo ngasinye sokuzihambisa		

2. ULUHLU LOMAKUHLOLWE KUKHUSELEKO LWEENDAWO ZOMSEBENZI KWICOID-19

Ukhuselo lwabasebenzi	E	H
Uqeqesho lwabasebenzi malunga neCOVID-19 luqhutyiwe kwaye lubhalwe phantsi		
Uhluzo lwemiqondiso lwamihla le luyenziwa kubo bonke abasebenzi ekhaya okanye xa befika ngosuku ngalunye - umz. ubushushu, ukhohlakhohlo, umqala obuhlungu, amehlo abomvu okanye iphika, iingqaqambo zomzimba, ukulahlekelwa kukuva ivumba okanye incasa, isicaphucaphu, ukugabha, utyatyazo, ukuthezeka, ukuba buthathaka okanye ukudinwa		
Bonke abasebenzi banazo iimaski ezifunekayo ukwenzela emsebenzini okanye ukwenzela uhambo oluya nolubuya emsebenzini		
Iisanithayiza zezandla kunye/okanye iindawo zokuzihlamba ziyafumaneka ukwenzela abasebenzi abakwiindawo ezicetyiweyo kwishishini liphela		
Imigaqo yokucoca neyokubulala iintsholongwane ikhona kwaye ichazelwe bonke abasebenzi		
Ukuthi qelele kwabanye kangangemitha e-1.5 kuyasetyenziswa kuzo zonke iindawo zoshishino, kuquka iindawo zokusebenzela, iivenkile, iindawo zokutyela.		
Kuxhonywe ekuhlени iipowusta okanye amaphetshana okuhambisa ngolwazi		
Kubonelelwe ngezinto zokwahlula ezibambekayo phakathi kwabasebenzi abakwiindawo ezixineneyo (ezingezo zikhuseli zobuso)		
Indawo yokusebenzela ihamba umoya kakuhle, umoya wendalo okanye ophuma kumatshini		
Akusetyenziswa ziglavu, ngaphandle kwabasebenzi abacocayo		
Kukho amalungiselelo awoneleyo okuqinisekisa ukuqelelana kwabasebenzi kunye nabasebenzi bokuhambisa imveliso kwezi ndawo zokwamkela imveliso		
Kuqinisekiswa ukuba iimveliso ezihanjiswayo okanye iinkonzo ezibonelelwa abathengi zilandela zonke izithethe zokhuseleko, umz. oonokhontraka emakhayeni		
Iindawo zokuhlamba izandla ezinesepha kunye namalatshana alahlwayo ukwenzela abasebenzi zibonelelwe kumagumbi okutshintshela abasebenzi nakwiindawo zokungena kwiindawo zemveliso		
Abasebenzi babonelelwa ngezothutho apho ninakho kwaye bayaqelelelana kolo thutho kuquka nokunxitywa kweemaski		
Kukhuthazwa izithethe sokhuseleko kwizithuthi ezisetyenziswa nabanye nasekusetyenzisweni kwezothuthu zikawonkewonke		

Amalungiselelo xa umsebenzi evavanyiwe wafunyaniswa enale ntsholongwane	E	H
Kukho umgaqo kwaye bachazelwe ngawo ukwenzela xa umsebenzi evavanyiwe wafunyaniswa enale ntsholongwane okanye ebonakalisa imiqondiso yeCOVID-19		
Ukuba umsebenzi ubonakalisa imiqondiso, mthumele ayokwenziwa uvavanyo ukuba ungaphezu kweminyaka engama-55 ubudala kwaye/okanye unezinye izigulo anazo		
Qinisekisa ukuba umsebenzi ofunyaniswa enale ntsholongwane kuvavanyo okanye obonakalisa imiqondiso uyazisusa ebantwini - qhagamshelana neSebe leZonyango leNtsholona Koloni ukuba umsebenzi akakwazi ukuzisusa ebantwini		
Chonga uze ulawule abantu abesondelelene kunye nabo (abantu abesondelelene nabo: ngaphantsi kwemitha e-1; ngaphezu kwimizuzu eli-15); mthumele ekhaya ayokuzicina bucala; uvavanyo ukuba ubonakalisa imiqondiso kwaye uyayifezekisa imimiselo (ungaphezu kweminyaka engama-55 ubudala kwaye/okanye unezinye izigulo anazo)		
Ukucociswa kweendawo ezichaphazelekayo - vala ishishini ukuze licocwe ukuba indawo enkulu yalo iyachaphazeleka		
Ukuba unale ntsholongwane, chazela iSebe leZempilo leNtshona Koloni WorkplaceCOVIDReporting@westerncape.gov.za okanye https://coronavirus.westerncape.gov.za/reporting-COVID-19-workplace		
Zama ukufumanisa ukuba ingaba umsebenzi usenokuba wosulelwe njani uze uqalise amanyathelo okuthintela ukuphinda kubekho ulosuleleko		
Qhubeka nokuhlaza abasebenzi ukuze ubone iimpawu zolusuleleko lwecoronavirus olusenokubakho		
Ukuvalwa okwexesha okusenokwenziwa kule ndawo yomsebenzi ukuba kukho isidingo ukwenzela ukucocisa nokulandela emkhondweni wabo ebekhe wasondelelana nabo lo unale ntsholongwane		
Ukuphinda kuvulwe indawo yokusebenza		
Ukuqinisekisa ukuba indawo yokusebenza ibicociwe kwaza kwabulawa iintsholongwane		
Ukubonelela ngoqeqesho lweCOVID-19 kubasebenzi ababuyela emsebenzini		

3. IILINKI ZENKCAZELO

Ingcaciso yenkcazelo	Abaqhagamshelwa/iiLinki
NgMibuzo eBuzwa Rhoqo kunye nezikhokelo ngokhuseleko lwendawo yokusebenza	https://coronavirus.westerncape.gov.za/frequently-asked-questions/frequently-asked-questions-how-prevent-and-manage-COVID-19-infections
IMibuzo eBuzwa Rhoqo ngabasebenzi	https://coronavirus.westerncape.gov.za/frequently-asked-questions/employees/frequently-asked-questions-employees
Ngezinto zokusebenza zothungelwano ezinxulumene nokhuseleko emsebenzini	https://coronavirus.westerncape.gov.za/resources Yihla usenyuka uye kwicandelo loshishino
Ngoncedo ngokuqonda izikhokelo	supportbusiness@wesgro.co.za support@capetown.gov.za
Inkxaso yamashishini ngeCOVID-19 yeSixeko saseKapa	www.investcapetown.com
Isicwangciso soMakwenziwe kweZoqoqosho seSixeko saseKapa	http://www.capetown.gov.za/Media-and-news/City's%20Economic%20Action%20Plan%20up%20and%20running
Iphulo lokubuyela emsebenzini	https://www.return2work.co.za
Ilinki eya kwiSixhobo seNkxaso yoKunikezela ngeMali yeCOVID-19 esenzelwe amashishini	https://www.supportbusiness.co.za/COVID-19-support-finder

Ingcaciso yenkcazelo	Abaqhagamshelwa/iiLinki
Ngokuthenga impahla yokhuseleko okanye iinkonzo ezinxulumeneyo tyelela indawo yokuthengisa yempahla yokhuseleko	http://supportbusiness.co.za/marketplace
Ngamashishini anqwenela ukubonelela ngemveliso neenkonzozempahla yokhuseleko – bhalisa	https://supportbusiness.co.za/marketplace/vendor-area/

Ukuxela abantu abavavanyiweyo bafunyaniswa benale ntsholongwane:

- Umnxeba woncedo weCOVID-19: WorkplaceCOVIDReporting@westerncape.gov.za or <https://coronavirus.westerncape.gov.za/reporting-COVID-19-workplace>
- ISebe leZempilo likaZwelonke: umnxeba woncedo weCOVID-19: 0800 02 9999
- ISebe leZengqesho neZabasebenzi: david.esau@labour.gov.za
- Imibuzo kananjalo ingathunyelwa ngomnxeba woncedo wephondo ku-021 928 4102 okanye ku-080 928 4102 okanye u-imeyilele: ku-doh.dismed@westerncape.gov.za

Ngeshishini elimi phakathi kwemida yeSixeko saseKapa, nceda u-imeyilele:

ku-eh.COVID19queries@capetown.gov.za

Amajelo okuxela ukungathotyelwa komthetho:

- IFomu yeSikhalazo soKhuseleko lweShishini yeCOVID-19: www.coronavirus.westerncape.gov.za/BusinessSafetyComplaint
- Iziko loNxibelelwano: ku-0860 142 142 khetha okunokukhethwa kwesi-4
- U-Please call me:
KuVodacom nakuTelkom: *140*0673324808#
KuMTN: *121*0673324808#
KuCellC: *111*0673324808#

Qaphela: Olu luhlu luya kuhlaziywa njengokuba naxa kufumaneka inkcazelo entsha.



ISIXEKO ESISEBENZAYO

IKAPA, UKUZIQHELANISA NOBOMI OBUTSHA KUNYE NOKOMELELA NGEXESHA LIKABHUBHANE.

Ukuzinikela ngokwenene akuzange kwabonakala kangakaka kubasebenzi baseKapa. Abasebenzi abaninzi abangaphambili baye basabela kweli khwelo kwaye banomdla wokuncedisa ekwakhiweni kwakhona koqoqosho ngemigaqo emitsha, amanyathelo anobuchule kunye neendlela zokusebenza ezintsha.

www.investcapetown.com



INVEST CAPE TOWN
COLLABORATE | ENABLE | PROMOTE

Ngayo nayiphi na imibuzo, ungafikelela kwiSixeko saseKapa ngalo naliphi kula majelo:

- Kwi-intanethi: ku-www.capetown.gov.za (iSixeko saseKapa) ku-<https://coronavirus.westerncape.gov.za> (eZempilo zePhondo)
- Imeyilela ku-doh.dised@westerncape.gov.za
- Fowunela ku-021 928 4102 (uMnxeba woNcedo wePhondo)
- Thumela i-WhatsApp ethi "Hi" ku-0600 123 456

Hlala kula majelo ukuze ufumane impendulo ekhawulezileyo, kwaye hlala ufumana inombolo yereferensi.



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.